Isalathiso: 20200310-5538
Inombolo yefayili: 13/1/1/2
Imibuzo: C Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0002/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi boKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko , kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, nakwiiNtloko zezikolo zikarhulumente nezezikolo ezizimeleyo ezilungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukungqinisiswa (*Verification*) kwengcaciso yobhaliso lwabafundi beBakala-12 kwiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)

1. Ngokomyalelo ovela kwiSebe leMfundo esiSiseko, ingcaciso yabafundi beBakala-12 mayirekhodwe kwi-*National Examination System*.

2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye nala maxwebhu adweliswe ngezantsi acacisa ukulawulwa nokusingathwa kotshintsho kwizifundo zabafundi, ukulungiswa kwezifundo nokungqinisiswa kwedatha yabafundi kwi*CEMIS*:

   - INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo, 0018/2018, yomhla we 06 Disemba 2018,
   - INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo, 0009/2019, yomhla we 17 Septemba 2019, kunye
   - NeNgcaciso eMfutshane yeCandelo LoLawulo loLwazi neNgcaciso 0003/2020, yomhla we-06 Februwari 2020.

3. Ingcaciso engabafundi beBakala-12 kwi-*CEMIS*, iya kukhutshwa ngo**Mvulo we 16 Matshi 2020,** ize ikhutshelwe kwi-*National Examination System* ukulungiselela iinjongo zeemviwo.

4. Izikolo zinethuba lokwenza izilungiso kwiinkcukacha zabafundi bazo beBakala-12 kwi-*CEMIS* kude kube yi-15 Matshi. Kuvuliwe ukusebenza kwesistim (*functionality)* kwi*CEMIS* ukulungiselela izikolo ukuba zenze izilungiso kwiinkcukacha zabafundi bazo.

5. **Ukungqinisiswa kwengcaciso eziinkcukacha zabafundi**

5.1 **Inombolo yesazisi (*identity number*)** yomfundi **licandelo elinyanzelekileyo *(compulsory field*).** Ngako oko kubalulekile ukuba bonke abafundi bafake izicelo zamaxwebhu ezazisi zabo bekwiBakala-10. Okwexeshana kusenokusetyenziswa inombolo yesazisi ebonakalisiwe kwisatifikethi sokuzalwa.

5.2 Abafundi abangengabo abemi beli lizwe (kuqukwa abafundi bamanye amazwe abahlala isigxina kweli lizwe), mababe nepasipothi **kunye** nepemithi yokufunda. Ayakwamkelwa amaxwebhu abafundi abakweli lizwe ngokuza kufuna igwiba lezokhuseleko (a*sylum documents*). Abafundi abangengabo abemi beli lizwe nabebeyinxalenye yeNkqubo yeSikolo yaseMzantsi Afrika (*South African Schooling System*), kodwa babe bengenawo amaxwebhu ayimfuneko okubhalisela iimviwo ze*NSC* ngo-2020, baya kuvunyelwa babhalisele iimviwo kodwa abayi kunikwa iziphumo ze*NSC* de beze namaxwebhu asemthethweni ayimfuneko.

5.3 Makutshekishwe upelo lwamagama apheleleyo neefani. Amele ukufana amagama nalawo avele kuxwebhu olunenombolo yesazisi somfundi (*learner's identity document*)/kwisatifikethi sokuzalwa/pasipothi.

5.4 Ukuba abafundi batshintsha amagama neefani zabo kwithuba okanye zingadlulanga iintsuku eziyi-90 emva kokubhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zeBakala-12, okanye emva kokukhutshelwa kwi*CEMIS* ukusiwa *kwiNational Examination System*, makuthunyelwe kumagosa eemviwo achaphazelekayo adweliswe **kwiTheyibhili 1,** iikopi eziqinisekiweyo zamaxwebhu ezazisi amadala namatsha nengxelo efungelweyo (*affidavit)* echaza isizathu sokwenziwa kotshintsho**.**

5.5 Inombolo yeselula yomfundi/yomzali womfundi/yomgcini womfundi licandelo elinyanzelekileyo. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lisebenzisa iinkonzo ze-*SMS* ukunxulumana nabafundi ngemiyalezo ebalulekileyo emalunga neemviwo.

5.6 Abafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo abakhetha ukubhala uviwo lwe*NSC* olu-endosiweyo (*endorsed NSC Examination*) mababoniswe ngolo hlobo kwi*CEMIS*.

6. Livaliwe ixesha elinikiweyo (*window period*) lokwenza izilungiso zokutshintshwa kwezifundo zeBakala-12. Zonke izicelo zezilungiso zokutshintshwa kwezifundo mazikhatshwe ziikopi zeeshedyuli zokupasa nokudlulela kwesinye isigaba kwabafundi zangoNovemba 2019.

7. Izikolo ziyakhunjuzwa ukuba le datha yokubhalisa kwi-*CEMIS* mayisetyenziselwe ukubhalisa abafundi beBakala-12 kwi-*Integrated Examination Computer System*. Le datha mayisetyenziselwe ukuprinta i-*preliminary schedules*, iileta zokwamkelwa eluviweni kunye nokwazi inani lamaphepha emibuzo amawaprintwe. Kungoko ke, kubaluleke kakhulu ukuba izikolo ziqinisekise ukuba zonke iinkcukacha zabafundi kunye nezifundo zifakwe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS* phambi komhla omiselweyo wokuthathwa kwedatha.

8. Ukulandelela idatha yabafundi ekhutshiweyo nefakwe kwi-*examination system*, izikolo ziya kufumana ishedyuli eprintiweyo yabafundi bazo beBakala-12 ababhalisele iimviwo ze-*NSC* njengoko zibonakala kwi-*National Examinations System*.

8.1 Ezi shedyuli mazitshekitshwe zisayinwe ngumfundi ngamnye weBakala-12. Zonke izilungiso kwishedyuli mazenziwe nge-**inki ebomvu.**

8. 2 Iinqununu mazingqinisise kwaye ziyisayine ishedyuli eprintiweyo.

8. 3 Ikopi esayiniweyo yeshedyuli mayigcinwe esikolweni ukuze ibeyirekhodi yesikolo kwaye ishedyuli yentsusa mayithunyelwe kumagosa achaphazelekayo akwiTheyibhili 1 ungadlulanga owe-**16 Apreli 2020**

ITHEYIBHILI 1

Isithili	**Igosa elenza lomsebenzi**	**Inombolo yefoni.**	**I-imeyili**
Metro North	Johnnie Isaacs Jean Theron	021 467 2974 021 467 2145	johnnie.isaacs@westerncape.gov.za jean.theron@westerncape.gov.za
Metro Central	Gail Liguma Ruth Hope	021 467 2913 021 467 2518	gail.laguma@westerncape.gov.za ruth.hope@westerncape.gov.za
Metro East	Gideon Dilgee Silumko Joka	021 467 2941 021 4672519	gideon.dilgee@westerncape.gov.za silumko.joka@westerncape.gov.za
Metro South	Linsay van Gensen Peggy Thomas	021 467 2917 021 467 2930	linsay.vangensen@westerncape.gov.za peggy.thomas@westerncape.gov.za
West Coast	Patricia Liguma Robin Jacobs	021 467 2936 021 467 2940	patricia.liguma@westerncape.gov.za robin.jacobs@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Lindsay Weber Farrel Jacobs	021 467 2732 021 467 2893	lindsay.weber@westerncape.gov.za farrel.jacobs@westerncape.gov.za
Overberg	Patricia Liguma Elmarie du Toit	021 467 2936 021 467 2920	patricia.liguma@westerncape.gov.za elmarie.dutoit@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	George Valentine	021 467 2978	george.valentine@westerncape.gov.za

9. Le ngcaciso imfutshane mayigqithiselwe kubo bonke abaququzeleli beBakala-10 ukuya ku-12 nakumagosa e-*CEMIS*.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-03-11